

# Imvo Zabantsundu

----- (NATIVE OPINION)  
Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-HLANU, JANUARY 21, 1887

[No. 115

Ngexesha okutengiswa ko

**BOYA.**

Ikeleko

Ne Printi

Neminqwazi Yamadoda

Iswekile

Ne Kofu

Zitengiswa ngama xabiso  
apantsi kakulu.

Kutengwa yonke  
into no Boya.

KWA

W. O, CARTER & Co.

Kwi Bala lika Makeleni,

*Amayeza ka Cook Abantsundu.*

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba  
ukange-

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.  
1/6 ibotile.

Elika  
Iyeza Lokukohlela  
(Lingamafuta).  
1/6 ibotile.

COOK Aka  
Amafuta Ezilonda Nokwekwe.  
9d. ibotile.

COOK Elika  
Iyeza Lepalo,  
1/6 ibotile.

COOK Ezika  
Iipils.  
1/ ngebokisana.

COOK Eka  
Incindi Yezinyo.  
6d. ngebottle.

COOK Oka  
Umciza Westepu Sabant-  
wana.  
6d ngebottle.

COOK Oka  
Umgutyana Wamehlo.  
64 ngesiqunyana.  
Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,  
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.  
Bonke abantu aba kwindawo  
ezingena Magosa am bowatunyelwa onke  
amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela  
izi tampo nokuba yi mali chamba ngepepa 1-  
posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga  
paandle ko *Mpilsisi Wenene* (Sure Cure) oyi 8/6  
ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa  
namayeza.

JESSE SHAW,  
Igcisa Lemicisa. The Laboratory, Fort  
Beaufort. .

HARTIGAN & CASEY,

Abatengisi bemahla ngempahla.

BAHLALA batengisaimpahla ehambayo  
kanve ngenyanga e Mtonjeni nase  
Balini. Yonke imiso emva kwe malike ba-  
tengisa impahla ehambayo **nokuba** yekaba-  
nina. Ubani uyinikwa emva komsito imali.  
E Qonoc, 20 July, 1886.

Mr. J. A. BRIDGE,

Igqira Lamazinyo,  
No. 1, DOWNING STREET,  
E QONCE.

## Ku Wonke Umzi Ontsundu!

Xa Sukuba nityelela e QONCE, pambi kokuba nizitengele Impahla

Yitini Gxada kwistora se Ngubo, njalo, njalo, njalo so

## DYER AND DYER

Nizanelise kwimpahla yabo enyulwe ngenyameko,—apo ontsundu  
alungiselelewe ngocoselelo.

Yonke Impahla ibhalwe amaxabiso okugqibela ebupantsini

### YIZANI KUZIBONELA NGOKWENI

**JOHN J. IRVINE & CO.,**  
ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele  
beza Mankazana,

**E-QONCE.**

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2.5d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3.5d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

**THOS. H. COPELAND,**

BATHURST STREET,

**E-RINI.**

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

NGUBO ZENTLOBO ZONKE

AMAFELANE

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle. Yena utengisa ngenani eli  
linganayo ko Ntsundu nako **mhlope.**

**IMPAHLA ENTSHA.**

KUSAND' UKUFIKA KWA  
**PASCOE.**

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.  
ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga.  
INGUBO ZOMTSHATO EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantambo nezigqubutelo ngamaxabiso apantsi kanye.  
INGUBO ZOKUTSHATA ZEKABA ZIYASIKWA ZI-  
TUNGWE.  
IKELEKO, ILINZI, IPRINTI. INTLOBONTLOBO ZE-  
LOKWE ZIKWAKO.

**BANTU ABANTSUNDU**

*Lempahla iyakwenza, intliziyo zenu zibete. Yizani kutyebisa amehlo*

Paulani amagama ka PASCOE  
AMADODA ati ngu SIGINGQI. ABAFAZI bati  
ngu SILINDI. UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

**CHARLES J. STIRK,**

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi  
tengisa ingumqulu na nganye,

**CHURCH SQUARE,  
E-RINI.**

UNGA UNGAGCINA IMALI NA

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa  
BROOKS,

63, BATHURST STREET,  
**E-RINI.**

I SUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala  
kwi 5/6; Ibatyi kwi 7/6; Ihempe kwi  
1/-, njalo njalo, kuzo zonke isinto zalendlu.  
U BROOKS utengisa ngezona suti zobu  
jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomya-  
lelo ngabasiki base London. Qiniseka ukuba  
ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/; Ibhulukwe  
12/6. Amakulukulu. entlobo ngentlobo onga-  
nyula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/- angati  
ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkoli-  
sanga.

**W. BROOKS & CO.**

Abatengisi bengubo **zokunxiba,**  
**E-RINI.**

KWIZI HLOBO ZAM EZINTSUNDU

J. E. L. KULLING, ONYANGA NGEMITI YASE KOLONI

NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yebele kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakasholo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele— xa umntu ebhehlwe lihase elingwevu nokuba sesinye isifo. Oka Kulling Umpilisi wenene wezifo zonke eziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/ Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/ Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nakazana, akuko yeza ligqita eli linge botile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/- ne 22/ Aka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungnuyungu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/ inye. Aka Kulling amagaqana oku hlambulula igqazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/-

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Kolou ezi hileli zigcinwe. Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo ngemali encinane.

Indlu Yamayeza

Lo ogama lise zantsi unqwenela ukwazisa Labantu banga phesheya kwe Nciba ukuba ngoku uli Gosa lo B. G. LENNON & CO. (abona bangenisi mayeza bayi ntloko e Koloni) unokuba tengisela amayeza ngama xabiso ase Dolopini. Nelinjanina nalipina iyeza liko, okanye linoku fumaneka ngexesha elifutshane. Kanilinge umxube ka B. G. L. we Fiva (cesina)ongekoyiswa. Imali inqabile ke kunga banjiswa nge gusha ne bokwe nenye impahla ilinganiselwe ixabiso layo. Elona gosa likulu e Transkei, ngu

P. H. POTTER.

Ko Titshala.

KUFUNWA o Titshala abane ziqiniseko kwi Simnari yase St. Matthews' (e Mtwaku) Keiskama Hoek. Kubhalelwa kutunyelwe iziqiniseko zesimilo nemfundo ku Rev. CHAS. TABERER. October 30, 1886.

Isikolo Sabafundisi, ne Somsebenzi.

ST. MATTHEW'S, KEISKAMA HOEK.

KUKO indawo yamakwenkwe antsundu kumashishini oku Khanda Ibhokile, noku Khanda Intsimbi—nokwenza Inqwelo, noku Cwela, kwesi sikolo Bhalalani ku REV. CHAS. TABERER.

ISIKOLO SASE MTWAKU.

KUKWAKO indawo yentsapo efundayo kwindlu yododana.—Isikolo siyaku-vulwa kwakona ngo 24 January 1887. CHAS TABERER.

NDIBELWE

NDIBELWE ngomhla ka December odluleyo apa ku Tsole ihase elibomvu, iminyaka mine liyi "Hantom," linomthsho ong J.U. itshoba linqunyulwe, nomda esingeni ngase kohlo, nokulunywa ngamanye. Ondifandisileyo ndomvuzana ngokufanekileyo. J. KUZANE.

NDIBELWE!

IMAZI ebomvukazi; iminyaka yalo mihlana; linekolo ebunzi ete incam apenzulo yekolo leyo yanokutyeke yatyekela kwicala lase kunene. Linentsumpa antenyeni kwicala langasekunene, kwanenye esilevini. Itshoba alilide kakulu pofu alinqanyulwe. Alilide noko. Ndiipeni amehlo mzi wakowetu. KLAAS LOTSHA, c/o DYER & DYER, King William's Town. 14 January, 1887.

NDIBELWE.

HASHEKAZI elibomvukazi, amanqina asewama amhlopo; linekolwana encinane; litive cipu-cipu kwindlebe zombini. Itshoba alilide. Linamabalana emva kwindlebe zombini enziwe ngabom; liyaqala ukumita, ngu. mlazakazi omde olingana nenkabi. Lilahlake e Rabula ku JOHANNES CWEDA. Ezanyokwe c/o Mr. J. MURRAY Debe Nek.

BONISANI MAWETU.

MAHASHE am ababini, elinye limfusa linomthsho kwitanga lwokholo libalwe "J. Z." elinye libomvu amanqina angapambili ayi holfuti (entle noko) linesilonda emhlana owabonileyo ndingavuya atumele ku THOS. Z. MATUMBU. Ndiubhulungu ngalo mahashe am. JNO. ZANTSI, c/o Rev. T. G. JONES, Hackney, Oxkraal.

Bonisani.

INKABI yehashe egwangqa, ikanya kakulu eludlevini nase zinkwapani, inekolo nezazingi ezibini obunzi, Inqina. lase kohlo lasemva limhlope, lide alinasiqu. Liti xa likwelweyo liman' ukuzibeta kumacala omabini ngomsila. Iminyaka isesihlanwini. Ondilandisayo makabhalele kum o kwi Mvo. Lalahlaka ngo 7 December, 1886. KENNETH McALPINE NCAPAYI. Ingcisininde, Ngqamakwe, 5 January, 1887.

Ababhuhileyo

NQANA.—E Middelburg, ngo 2 January, 1887, kubhubhe u MARY ELIZABETH BELLA, intombi ka George no Lizzie Nqana. Ubudala ubenyanga zisitoba.

MOTOLI.—Kubhubhe e Tunxe ngo. Mvulo 27 December, 1886 u NEKU unyana ka MTOLI DABI. Ubenexesha elingapezu kwanyanga ezine egula. Waqalwa sisisu kwada kwangena nezinye izinto. Umke ngoxolo. Izihlobo mazamkele lombiko. THOS. MEMANI.

Iveki

KUQALA ikwata entsha. Lixesha ityunyelwe ngumntu ngamnye imali yokumisa imvaba yomzi.

ABANTU abangayi fumananga i " Almanak ye " Mvo " kwaba gqibileyo ukubhalela umnyaka ogqitileyo mabayi yafeze sobatumela kwange posi yokuqala.

INDLEKO ze ntlanganiso yo Manyano ebi nge 4 ne 5 January zitwelwe li Rini zonke. Into enjalo kokwesi tatu isenzeka—e Bhofolo bezi twalwa ngu Mr. J. Shaw, e Rwarwa zatwalwa yi President.

EMSWITWENI omkulu kunene e Madras kwelama Indiya kubeko indimbane engenganganto kwindlukazi enkulu obukuyo kubonwe ngendlu seysisitha yonke, afela pakati ama Indiya angama kulu mabini, anamashumi asi xenxe anc sihlanu. Lonto ihla nge Nyibidala.

INTETO zelinene lipeteyo e Kapa ngoku zibonakalisa ubuyokwimpato egadalala. Akatyalwa ke umntu akubuya usuke kodwa agcinwe ngeliso amanyatelo aka.

ABANTU baphelela kwe Nciba bangazite- nga i Almanak ku Mr. P. H. Potter, Ejojosi.

KUKO abantu abati noko sebeliyekile ipepa bangatsho ukuti maliqunyanyiswe ze kuti mhla kufika ipepa lokubiza imali bati ngesa- zicingela ngokwetu. Bubunyama inteto enjalo.

KANTI le Hop-beer ibulala abantu e Bhayi ivutyelwa nge bulandi, lonto seyi bhaqwa liggira eli hliza amayeza. Lo number 1 kwa no number 2 Hop-beer yi bulandi ebukali nebutataka zigutyungelwe nge gama le Hop- beer.

INGQAKAQA kuvakala ukuba iseko eSkapu.

INTLANGANISO ezayo yo Manyano nge Mfundo iya kuba se Ncemeru ngo July 12 1887.

KUTE xa kutiywa i Dinala kwa Mr. Upington ngqo yaya endlwini yo mfundisi lowo use- eKapa ngolwesi-Hlanu olungapaya ko- tyalikeneyi yati itunywe nguye ukuza kutata lugqitileyo angena ngasemva amasela emka ne idyasi yake. Unikiwe, wati akusitela wayi mpahla exabiso lingamashumi amahlanu eponiti, tengisa nge 5/ waya kutshata ngazo. Ityala le dyasi selitwetwa ngemilomo sebe tshatile.

AMADODA amahlanu atye inkomo ka Mr. BONKE abangekayi bhataleli le Kwata singe- Trollip kwi siqingata sase Nyara agwetyelwe ne kuyo mabenjalo pambi kokupela kwale inyangang ezintandatu entolongweni, ngapezulu nyangang kuba xa ide yagqita bengha bhatala- nga koko adliwe amahashe amatatu, ibhokwe seyiyi kuzala i sikisipeni.

KUCOLWE Idayimani e Cradock ezantsi kwe bhuloro eya e Dayimayi, Umhlaba ecolwe kuwo ufana nowase Kimberley.

IGQWETA elikulu le Komkulu lase Transvaal lalele ukuba amangalelwe amanene aye xome Umtshaina emnti emarikeneyi yase Bar- berton.

INKOSI u Masumpa uhleli ebunzimeni obukulu ngoku bhuhba ko nyana wake omkulu u Lepoko obeyiyoni, nkosi nesandla senene ku Masumpa. Ubhubhe nge 26 December '86.

KUZA kubako enye intlanganiso kamsi- nya e Bhayi yoku ngenisa abantu Emveni.

I SEMNARI yase Dikeni iyakuvulwa ngomhla we 27 January.

ILAWU elingu Edward Foybeli pambi kwe Mantyi yalapa ngolwesi-Bini; Beli nyatele impahla yoku nxiba lasukelwa, lite laku- sitela lisabaleka njalo laqita evasini yane- kiwe laxwila zaligqela ingubo kona labaleka nazo— yangu tyer for tyer for agangwa. Lilindiselwe i Jaji, kuba lisela licala.

E NATAL kucetywa iqinga lokufumana izi- caka ezingamankazana zokupata abantwana nokupeka; Abanye bati inqanawa mazine namaqela amabini amankazana ama Kuli.

IMVUMO eyenzelwa i Association e Rini ngu Rev. E. Magaba yayola kakulu. Esihla- lweni kwabekwa u Mr. J. Tingo-Jabavu, i Piyaney abetwa ngu Mr. John Magaba, i " Solo " ngambini zavunywa ngo Miss E. Maliza no Mr. T. S. Danga owantsho kammandi u " Money." Kuba vumi iliswi le Alto ka Miss F. Ndlazi lide latyandusela ngokuba mnandi.

NGALE vekhi ingapaya kwe gqitileyo kula- hleke intombi ye Bhulu eBatenjini, kutiwa wengelwe ngumfana womntu Omnyama bemka ngama hashe ; ayikafunyanwa namahlala-

INCWADI ka Mrs. Lydia Qaba siyi fumene asinakuyi faka epepeni kaba akufanelekile ukuba ingxabano zendlu zibhengezwe ema- pepeni.

EMACUBENI kuko inkazana egilwe ngumfa- na ngentloko yafa kwalapo. Bebeliqela bEdlala bebetana ngama qamesi nentambo, lontokazi yaya kuma ngapandle komnyango yayulwa ngezandla ; ite indodana ngoku tshiswa yimvumbo yabayi betayo apo endlwini yatyu- dlamanda ukupuma emnyango kanti (6) Ito- mbi, u Ellen D. Irvine, £5,000; woxhasa siqingata sesibini senzalo yalemali de abe yiminyaka e 21. (7) Udale wabo, u Mrs. J. P. Jameson, inzalo ye £3000 ade afe. (8) ayakuyinika nababini amantandayo ngelo- xa. (9) Richard Irvine, £100, nefama eyi Blenheim. (10) Dr. £2,000 kwintso kuba ka Richard Irvine. (11) Dr. Stewart, wase Lovedale, £1,000. (12) Rev. T. W. Green, Elukalweni Lwenyanga, £200. (13) William Green, £100. (14) James Gontshi, £200. (15) Kwintso yake ngapandleko Ellen no John D. Pringle Irvine, £2,000. (16) Unyana wake, u J. D. P. Irvine, ifama eyi Waterford e Kubusi nayo yonke enye into engomhlaba nezindlu nempahla. (17) £11,000 inzalo yeyabantwa- na bake. (18) Yonke lemali seficalulwe mayihlulwe ngokuzeyo. (19) £3,000 isikolo sase Tshatshi sama Ngesi e Qonce. (20) £2,000 kwi Lovedale. (21) £3,000 ku Bishop wase Rini; £2,000 ku Bishop wase Jili ntonga e New Town nakwa Brownlee Station kuba ziyona mini uselwa kakulu ngayo umqomboti. Owase Natal u Rulumente ufumene £450 imali ayidle kuba- lwi ngemini enye.

ZAPELA Ititshala! Funani iqinga mzi ! Ezi tyibilike zawa nge kwata egqitileyo ziku fupi eshumi.

U RULUMENTE uposwa yimali eninzi kunene kulomzi wase Qonce ngokumata noku kotama kwama dindala. Sitsho kuba akuko Cawa kungu kwi ntonga e New Town nakwa Brownlee Station kuba ziyona mini uselwa kakulu ngayo umqomboti. Owase Natal u Rulumente ufumene £450 imali ayidle kuba- lwi ngemini enye.

ABEMI base Kapa bavumelene ukuba uku- bonakalisa kwabo ukuvuyela i Jubili ye Nko- ezazana mabake indlukazi enkulu eyi Town Hall. Umzi Ontsundu uyakwenza ntonina wona ?

U MARTINELLI idindala lase Bhayi elafunyanwa line ntlobo ezilikulu lezi lotile zezitora nempahla yabantu eninzi kunene endlwini yake ubuvumile ubusela bake. Utandaza bonke abantu ukuba izono zake mazi bangazi pindezeleli entsatshehi nakumfazi wake ngeli xesha yena angumbanjwa.

U F. H. BROMFIELD ubonhala wase Bitsini e Monti owamkela irafu zika Rulumente unetyala lokunyatela leyomali iyonke £165, 5/7.

ITYALA lika Mrs. Scheepers i Bhulukazi elabeta kakubi intwazana awayeyi qeshile litetwa ngu Judge Barry e Rini ngaleveki. Ligwetywe litetiswe kunene yilaji. Wagwetywa ukuba ahlaule £75, okanye iveki ezitandatu entangeni.

ABEMI base Rini bovumelene ukuba kubeko umboniso kulo dolophu ngo Ntsinga (Dece- mber) ozayo.

U MR. M. KEEVY owazidubulayo obepet' ezi venkile kutiwa zezika Ngomti Egonce ubomi bake wayebuqamangele kwi Bandla ekutiwa yi Royal Insurance—oko kukuti ubenemali ayinikela kwelo Bandla yonke iminyaka yo- kondla usapo lwake aku bhuhba. Ngaleveki igqitileyo umhlokokazi u Mrs. KEEVY unikele li Gosa lelo Bandla u Mr. Josias Howard iwaka leponiti (£1,000) namashumi amatandatu eponiti (£60) ayinzala.

UMBHALELI we Watchman uti u Rulumente maka tumele i Mantyi yokuya kupata ama Mpondo.

NGOLWESI-Bini umntanana ominyaka mi- hlano ka Mr. Samnders walapa e Qonce unyatelwe sikotshikali esitatlatweni. Noko enzakeleyo ngati akosokufa.

BATE sebemi pambi kom Fundisi abatshati e London wafumaneka engenayo imali yo- kutshata umyeni. Ute Umfundisi make bapume isiqingata se yure bayekufuna imali Ite ukupama apo lontokazi ibiza kutshata

Umanyano Ngemfundo.

(Isisalela.) January 5.

Emva kwenteto ngengxelo yabatunywa kuvunyelwene ukuba makungapunywa ngo half-past-five kude kugqitywe wo- nke umsebenzi wentlanganiso nokuba kwapunywa ebusuku akuko nto.

ISIYALO SO MONGAMELI

I VICE-PRESIDENT u Mr. J. Tingo-Ja bavu ute usuzi ngokuba akasilungisele- langa, isiyalo kuba bekuhlindwele uku- fika ko Mongameli uMr. Makiwane, ne- ncwadi exela ukuba akezi ifike namhla- nje. Into afuna ukuyinyanzela kumala- ngu yeyokuba makazihambe intlangani- so. Okwangoku amalungu asenomoya wobu Lawu wokungawakataleli amalun- gelo awo. Apo ihla kona ke lenkazozo usuke abe ngulowo azimisele ukuyiya intlanganiso mhla ikufuphi naye; akuko kuzikataza ngokuyihambela umntu equ- tywa sisazelo semfanelo. Enye into ma- bapeze ukulindela ukudla iziqamo kuse- mbiwa izipuzi.

U MR. J. J. JABAVU ubulele isiyalo ese- nziwe yi Vice-President, wati okungezi kwamalungu ezintlanganisweni kuya ku- khutaza intshaba zo Manyano. Ubeha- mbele e Bhayi ngale holide apo aqubise- ne nentshaba ezinkulu zo Manyano Nge- mfundo, suke zamnyelisa akuti uzakube- hle agoduke aye entlanganisweni.

U MR. I. W WAUCHOPE uqokelele eku- buleleni i Vice-President, waquba wati amalungu makalunyamezele uchaso, inyaniso ayizange yoyiswe buxoki. Eli- kulu alitetyo kudodana nontingana leli, ulutsha mafugcine izimilo zalo—gcinani izimilo zenu !

U REV. EBEN. MAGABA ute lento isisi- mlo ayiqondwa ubukulu bayo lulutsha. Ngalamaxesha sikuwo aziko izimilo ku- lutsha; ngokukodwa ezintombini kunqa- bile ukufumana isimilo. Akuko nto iva ubuhlungu njengaleyo kuba ibulala wome umsebenzi wokunyusa uhlanga nowe Lizwi lika Tixo. Ulilbhokisa ngo- kukodwa ezintombini, kuba abafana bo- na balandelana nento eziyizi intombi, ukuba intombi zipizete kakuhle zizimise- le ukuba ngamaledi enene nododana lo- landela.

U MR. JOHN MAGABA ute ususwa yi- nteto ka Mr. J. J. Jabavu ewuhlisiyo umzi wase Bhayi, ke yena mntu wase Bhayi umelwe kwutetelela. Akakolwa ukuba e Bhayi kuko abantu abazintshaba zalentlanganiso ; ngumzi eno intlanganiso ezininzi osewungenwe zizo, into eyintlan- ganiso yokunyusa uhlanga abanaku- vichasa ne Mbumba le yafayo yaqala kona. Makabe u Mr. Jonathan Jabavu ute akufika e Bhayi waqhelana ne ndla- vini ezinteto inganjalo, akaqhelana na- bantu abaphileyo.

U MR. THOMAS S. DANGA ute noko u Mr. J. J. Jabavu ngexolelwa kuba ku- mhla ayayo e Bhayi, abantu alike waqhe- lana nabo mhlambuni ubengabazi ukuba zindlavinu, umntu kade xa afikayo ' endaweni akankabazi kwako abantu balondawo abangabo, ngokoke angaxolelwa ngokuqhelana ne ndlavinu.

INCWADI YOVELWANO.

Intlanganiso ibe moya mnye ukuba Unobhala atumele incwadi ku Mongameli wolu Manyano u Rev. E. Makiwane yokulelana naye ngenkatozo akuyo entlanganiso ukuba angafiki kulentlangani- so ngenxa yokugqala kuka Miss Majiza okwa ilungu lolu Manyano.

IZIMISELO.

U MR. J. IENGO-JABAVU ungenise eya- ke ingxoxo yokuba " Izimisele " zolu Ma- nyano maziqulwele ziqinisele ukuba ma- kubeko intlanganiso kwiziqingata zonke ezoti zona zitumele abantwanya bonke kwi ntlanganiso enkulu." Ute entlanganiso komzumzo iko, yaqala pambi komnyaka we 1880. I kuqala kwayo yavivuye Ti- tshala yanabantu abawa bevuka nayo ukuba ingafi, okunene ayafa yakula. Kude kwabonakala ukuba kumalungu ayo kuko abantu ababekelileyo nababa- lulekileyo ngemfundo abangezo titshala, kwabonakala ke ukuba intlanganiso mayimiswe ngendlela eyakuzifungela zonke intlobo zabantu. Ukuze ime ngo- luhlobo imi ngalo ngoku. Ngoku nje amalungu olu Manyano angapezu kwe- kulu, kufuneka ke ukuba ucango lwemi- teto yalo lunge luyavulwa. Ukuba lama- kulu mabini amalungu ebeze onke apa e Rini ebeya kuti wani? ebeya kulala pi? kuba ebengalungiselelwe kangako. Xa kuhlanguisene into eninzi kangako aku- ngebi nakuteta bani njengomngweni wake ezingxoxweni ezinkulu. Ngokoke maziqulwele izimisele ube ngulowo umzi okanye isiqingata ngasinye sibe ne- yaso intlanganiso apo koxoxwa kona imicimbi yeso siqingata neyisise sonke esi ntombi. Iboti into enkulu eyenziwe kwezo ntlanganiso ityunyelwe kwenkulu ekuya kuya abantunywa bentlanganiso. Nganye intlanganiso etumela abantunywa yoba nento eyihlala kwinxoxwa yenku- lu. Lonto iyakwenza ukuba uvane wonke umzi ontsondu. Ekungenisweni kwama- gama encwadini.

Sebenze kakulu intlanganiso yakona yama dodana agabukileyo. Ukusekwa kwazi- ntlanganiso kusermandleni amalungu olu Manyano, kade efukanyiswe engamatole ngoku mayicitye indlu apape asebenzele uhlanga lwakowawo. U REV. E. MAGABA ute imanelisile ingxoxo ka Mr. Vice-President uyisekela ngomxhelo wonke.

U MR. BOTTOMAN ute lendlela tutiwa mayenziwe iya kuwatyanisa amalungu kuba kwindawo ezininzi akungebiko ban- tu bezayo ngokukodwa amaqaba aka- ngeze ayikatalele, nakuba kukapukupu ukuteta neqaba kunokuteta nomntu ndileyo xa selezimisele ukuba lutshaba. Iziquingata ezingati zingalunga kukuti abantu abapetwe yimantyi enye bahlan- gane ibenye eyabo intlanganiso, ne- ngokuti u bobogabo nesika Kama Debe ibenye eyawo intlanganiso.

Kulandela o Nessrs. T. S. Danga, Nikelo, Rev. E. Maraba, kwaqukumbela u M- J. Tingo-Jabavu ngokucacisa ukuba ez- na ngxoxo ziyakusiva kwenkulu intlan- ganiso zezoyi se intlanganiso zeziqingati. Ekulivumeleni elicebo lokuba izimisele zigqulwe lentlanganiso igqibe kweloku- ba kumiswe i Komiti engo Revs. E. Ma- kiwane, I.L. Mayaba, I.V. Philip, Missis T. Bottoman Wauchope, i ngxoxo u Mr. I. Tingo-Jabavu e; nza izimisele ntlanganiso ezayo. Le Kom. ' intlanganiso lokugbonakalisa ez zitsha emape xwe nga ababa izipaku kuzo.



THE Native Educational Association deputation to Sir J. G. Sprigg was chosen by ballot, and the result was the selection of Mr. J. Tengo-JabaVu. Rev. E. Magaba, Mr. B. Sakuba, and Mr. T. Bofitoman. The interview with the Premier took place at Wood's Hotel on Wednesday the 5th instant, and on account of other engagements on the part of the hon. gentleman, was resumed on the following day. The Pondo resolution of the Association was first presented, and the Premier received it in suitable terms. Mr. Tengo-Jabavu, who had charge of the Transkeian representation question, pointed out how the future of the Natives was seriously affected by the measure urging that the Native people had not abused the franchise, notwithstanding the fact that their right to it is as old as the Constitution Ordinance itself. They had not sent to Parliament any gentleman who proved a disgrace to that assembly, and until that were the case the action of the Uppington Government last session was uncalled for. —Sir Gordon, while prepared to concede full rights to those before him, held that the bulk of the Natives were barbarians, and members chosen by them would be representatives of barbarism. They knew well that the Natives did not understand the vote as they must have very frequently observed on polling days Natives taught to pronounce candidate's names without the least notion of their respective views. —Mr Tengo-Jabavu observed that the South African barbarians were unique, they had a representative form of government long before the whites came and the Premier's first and stern administration had produced a spirit of enquiry among the people in general as they believed that by voting they brought themselves into trouble, and they had of late exercised the privilege with intelligence. —The Premier asked if the members of the deputation had seen an expression of opinion by the Rev. P. J. Mzimba that the natives should let politics alone, and let the Colonists rule alone. He thought the natives might have confidence in the Colonists that they will rule them aright. —The deputies denied that in this Mr. Mzimba expressed the views of his countrymen. —On Sir Gordon asking if the Transkei people were really anxious to have the Franchise, the deputies answered that those people did not understand it, and therefore could not desire it, nevertheless they contended it was forced upon them last year and every indication seemed to show that the Bill will be re-introduced, all they said was that if the Franchise must be extended to the Transkei no disabilities should be laid upon their countrymen. This conversation came to a close by Sir Gordon expressing a view that there was no hurry in granting representation to the districts chiefly occupied by natives, while such places as Kokstad might be united with Barkly East and be represented in the ordinary way.

AT the -same interview tire Rev. E. Magaba introduced the subject of the Liquor Areas and urged the view that they should be extended. Minister said all the prime evidence possessed showed that the areas were a farce. Moreover the revenue was defrauded by native retailing

\* liquor purchased outside in the areas. He (the Premier) had always thought liquor did the community no good, and had early in his Parliamentary career moved against the sale of liquor to natives, but found no support. It was so still. —Mr. Tengo-Jabavu could not see what kind of support the Government wanted, as the Act was -passed by the Parliament some time ago, and the Government had only to carry it out. The areas might be a farce because they were not wide enough, but they knew that life and property was safer in the areas, and there was less drunkenness. —Sir Gordon said if they proclaimed areas tomorrow, directly it met the Parliament would disapprove of the Proclamation. They would do nothing without the order of Parliament in this matter. But did not they (the deputation) see that they were doing the natives harm by advocating class legislation for the natives on this score, and embarrassing the Government in their efforts to treat all races alike. —Mr. Tengo-Jabavu held that though they did not like class legislation no one would be injured by this act of self-denial, but there did not exist this dread of uneven treatment to think that natives, when laws such as the Peace Preservation Act and the Pass Act were passed for the natives, and they had then not asked for special treatment for themselves. —Sir Gordon, after defending the Peace Preservation Act, proceeded to show that the natives were now admitting that they were weak, and were going to Parliament as suppliants to be protected against liquor, might not this cause Parliament to think that natives are children, and should be deprived of such privileges as the Franchise? —The deputation thought this argument novel, as it had not been before applied to Sir Wilfrid Lawson, M.P., and other advocates of temperance in England, and they were asking for local option in what they were doing. —The Premier contended that the circumstances were different in England, but held that they would do nothing without the support of the people. —As to the Pass Act which was introduced by Mr. Sakuba, the Premier promised to speak with Mr. De Wet on the subject. After mutual compliments on heartiness of the proceedings the deputation withdrew.

THE numerous friends among our people of the Venerable the Archdeacon of Kokstad will rejoice to learn that he is constantly busy in England speaking on behalf of the diocese, travelling, and corresponding. They will be very gratified also to hear that Archdeacon Gibson has met with much interest and sympathy wherever- fee has gone, and has so far been able to send out about £750 to Um tat a. it is very probable that he may arrive on these shores in the month of June. Although it is not absolutely settled yet, it is expected that the Archdeacon will go back to St. Cuthbert's, Tso lo, and work the Archdeaconry from there.

Ngezi Almanak sinqwenisa impi egotyleyo kwi Mvo. Xa banokuzicotela ngesikisipeni abasokuya bulhngu. Ngenani, ngenani, kungamisa ukuba nitshabalale bubudenge bokuba ngapandle kwe Mvo.

Isaziso sika Rulumente.

## IRAFU YOMNYAKA

WE 1836.

BAYA ziswa abantu Abantsundu bom mandla wase Qonce ukuba Irafu yomnyaka we 1886 eli shumi le sheleni ngendlu kufuneka ibhatelwe ngosuku lokuqala ku January, 1887. Bonke abantu Abantsundu abazi bhatala ku Mr. Dick ezabo i Rafu mabazise kuye; abamele i Xesi bazise ku Mr. King, abamele u Qoboqobo bazise ku Mr. Verity.

Umninindlu ngamnye unikwa ixesha lokuba anga bhatala kwesi situba singaneno komhla wa 31 ku March. Kodwa emva kosuku lwa 31 ku March bonke aba ngeka bhatali iya ku tinjwa impahla yabo, ekwenziweni kwa lonto ke bosebe bhatala ne ndleko ngapandle kwelo shumi le sheleni.

Ngoko bonke abantu baya vuswa ngobubele nange nyameko ukuba balitatele pezulu eli lungelo loku vuswa, bazi bhatala i Rafu zabo zezindlu nge xesha eli fanelikeleyo pambi kosuku lwa 31 ku March ukuze bazi sindise kwi ndleko ezi nzima ezi bako xa kude kwa tinjwa impahla yabo.

W. B. CHALMERS,  
Imantyi.

E Qonce, 22 December, 1886.

## IMALI YO MHLABA

(QUIT RENT),

## E-Kamastone nase Mta

## QONDANI.

BANT UMa**bane Ziza na A Masimi** kulemimandla ibalulweyo, bayakunjuzwa ukuba Irafu yomhlaba yakwa Rulumeni ilindelwe ihlulwe kwi Ofisi yo mongameli wa Bantsundu e Kamastone ugo Mgqibelo 1st January, 1887. Imali eyakuti ingahlulwa de kugqiti usuku lwa

31 MARCH, 1887.

Iyakubizwa ngegunya lomteto. Okusakubuye kubeko saziso ngapandle kwesi.

EGBERT GARCIA.

Umantyi.

Kwi Ofisi ye Umantyi,  
Queen's Town, 23 Dec., 1886

Olohre bo Rulumente wase Kapa.

INDYELELO EZIMFUTSHANE kunye no sapo ukuya e Lwagcibeni ngezi nyanga ze Hlobo. Kutatela kolo 1 December kuse ko 31 March. ITIKITI ZOKUBUYELELA ze klasi yo i neye 2 neye 3 ziya fumaneka ibe yeye nyanga yonke ukutatela kolo suku yamkelwa ngalo, kuzo zonke Izitishi umgama ozi mayile ezi 60 nongapezulu uku suka elu Nxwemeni lo lwandle ukuya EERSTE RIVER (nsinga e Somerset Strand), E KAPA, E MUIZENBERG, KALK BAY, E BHAYI, nase MONTI, nge mali yoku singa paya yodwa, cintsi intwana ngapezulu (ngapandle kokuba ezoku buyelela kade zinoku fumaneka ngelo xeshalingako.) Itikiti ezikwanjalo zonikwa KWI NTSAPU YENDLU bangabi ngapantsi kwe sine (Abakulu babe babini, abantwana babe babini, okanye abemnye omkulu babe batatu abantwana) nge mali yoku singa paya yodwa, cintsi intwana nga pezulu. Lingolulwa ixesha lezi Tikiti libe vekhi nlandatu xa umntu aya kongeza isheloni ezi ntlanu nge Tikiti nganye xa asese lwagcibeni pambi koku buya. Umhantbi ngamnye wovunyelwa ukuzi patela impahla yesiqu ebunzima bupindiweyo anga bizwa nto.

C. B. ELLIOTT,  
Umpati Omkulu.

E Kapa, Nov. 1886.

## Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

## Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA  
INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa

Nakwa-N dabakazi

HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye. Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, ne- zikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

GEO. B. CHRISTIAN & CO

KEEP WELL ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES

Pots—Kafir Hoes — Red Ochre—Cutlery, &c  
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS

GEO. B. CHRISTIAN & CO

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,  
e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

W. J. DEALY

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga unokutengisa. e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike, E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapilo, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.

Unombona omhle kunene ovela pesheya- kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba ku- ninzi ngalupina uhlobo okoku- tya uya kuku rolela ixabiso| elipezulu kanye lase Markeni e-Qonce.

J. G. NICHOLSON,  
Igqweta elise zincwadini zakomkulu nomteteleli wama Fandesu,

E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e- Tayitile. Uquka izi kwelityi zi Bhatalwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukaula.

Uli Gosa le Colonial Mutual Life Assurance Society.

Indawo Yokuti-Kotso ko Ntsundu.

INENE LAKWA

Liyacela kulolonke uhlanga Olontsundu Okokuba umisa indlu yoku xasa abantu abantsundu Ngokutya Nangokutyisa abo Amahashe

Nangobuhlanti xa ba quba impahla ozinkomo kwakunye nempahla emfutshane' eyakubiza amanani alula.

G. FRAUENSTEIN.

KWA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile njalo-njalo, njalo.

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi

sa- ziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/ kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.  
5 August, 1886.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,

E-Bhulorweni nase Durban

Ngoku bazilungiselele ukurola awona maxabiso makula

Ngoboya, Nczikumba, Zenkomo, Nezebhokwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule- dolopu yeyona ndlu ine Ngecawa Nengubo zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

YIYANI KWA

C. A. JAY & CO.

E QONCE,  
XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza Imela ne Folokwe Ikoyi—Ikomyiti ne Pletti I Lampi Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo

Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

Lishicilelwa umninilo, u JOHN TENGO-JABAVU ngu HAY BROTHERS SMITH Street, King William's TOWN